



**URhulumente
weNtshona Koloni**

EzeMfundo

**UMgaqo-nkqubo othi Phantsi ngeMpatho-gadalala
yaBantwana (*Abuse No More Protocol*)
weSebe leMfundo leNtshona Koloni**

Ukusingathwa ngempumelelo kweMpatho-gadalala yaBantwana,
ukuNgahoywa Ngabom kwaBantwana (*Deliberate Neglect*)
neZenzo zokuXhatshazwa ngokweSondo kwaBantwana
(*Sexual Offences against Children*)

Message from the Western Cape Minister of Education,

Debbie Schäfer

The Abuse No More document for dealing with child abuse was developed in 1999 by the WCED in co-operation with other departments and non-governmental organisations to develop a guide for the management of child abuse. The document was officially launched in 2001 by the then Education MEC, now Premier, Helen Zille. Since then various developments relating to the care and protection of children culminated in the updating of existing and promulgation of new legislation such as the Children's Act, 38 of 2005, Sexual Offences and Related Matters Act, 32 of 2007, Child Justice Act, 75 of 2008. This has also resulted in amendments to WCED policies. For this reason the child abuse protocol document needed to be amended to be in alignment with the relevant legislation and policy documents.

Child abuse, deliberate neglect and sexual offences against children are serious challenges that currently exist in communities and educational institutions throughout South Africa. Because of their high prevalence this protocol has been developed to help institutions, employees and learners of the Western Cape Education Department (WCED) to deal with the problem in the most efficient and effective way.

Intervening effectively in the lives of children and their families that are victims of abuse is not the sole responsibility of any single agency or professional group, but rather is a shared community concern. Educators have a special role to play in dealing with this problem, along with doctors, nurses and social workers. In fact, people in these professions are required by law to respond to signs of child abuse.

I particularly welcome the focus on minimising trauma to victims by ensuring that they do not have to repeat the details of the traumatic incident, and ensuring that evidence is collected in the best possible way to maximise the chances of successful convictions.

I wish to thank all WCED staff and other parties including government departments and NGO's involved for their hard work in drafting our new policy document.

Child protection is the moral responsibility of every WCED employee - indeed of every member of society. The WCED therefore supports the policy and procedures in this document and encourages co-operation to ensure the achievement of their objectives.



Debbie Schäfer, MPP
Minister of Education
October 2014

Iziqulatho

ICandelo 1:	Ingcaciso enika imvelaphi	1
ICandelo 1.1	Intshayelelo	1
ICandelo 1.2	Injongo nomhlaba oza kufikelelwa	1
ICandelo 1.3	Isikhokelo semithetho esetyenzisiweyo	1
ICandelo 2:	lingcaciso-magama	2
ICandelo 3:	Ulawulo	4
ICandelo 4:	Imisebenzi yabathathi-nxaxheba	12

IziHlomelo Imizobo

Diagrams

Umzobo 1	Inkqubo yokuXela (<i>Disclosure Process</i>): Ukuxela komfundi komnye umfundi	6
Umzobo 2	Inkqubo yokuXela (<i>Disclosure Process</i>): Ukuxelwa komqeshwa weSebe iWCED nguMfundi	8
Umzobo 3	Inkqubo yokuXela (<i>Disclosure Process</i>): Ukuxelwa kwesenzo solwaphulo-mthetho soMzali, soMntu woSapho okanye soMntu onguMhlali ngumfundi	10

IziHlomelo

IsiHlomelo A:	IStraksha seSithili seSebe iWCED	14
IsiHlomelo B:	Iziko ledatha (<i>database</i>) leenkonzozokunika inkxaso apha ngaphakathi engingqini	15
IsiHlomelo C:	Ifom yokuXela (<i>Reporting form</i>) (IFOM 22A)	16
IsiHlomelo D:	Izenzo zolwaphulo-mthetho ezimalunga nabantwana nabantu abakhubazekileyo ngokwasengqondweni (<i>mentally disabled persons</i>) njengoko kuchatshazelwe kwi- <i>Criminal Law (Sexual Offences and Related Matters) Amendment Act, 2007 (Act 32 of 2007)</i>	21
IsiHlomelo E:	Isikhokelo esibanzi sovavanyo lwemiba eyingozi (<i>Broad risk assessment framework</i>) sokunika iingcebiso ekuthathweni kwezigqibo ekuboneleleni ngeenkonzozokukhuselwa kwabantwana ezenzelwe oko (<i>designated child protection services</i>) (<i>Isiqendu 35 semimiselo ye-Children's Act, 2005 (Act 38 of 2005)</i>)	23
IsiHlomelo F:	Umsebenzi oluxanduva wokuxela ngokwesiqendu 54 se- <i>Criminal Law (Sexual Offences and related Matters) Amendment Act, 2007 (Act 32 of 2007)</i> nesiqendu 110 se- <i>Children's Act, 2005 (Act 38 of 2005)</i>	25
IsiHlomelo G:	Izohlwayo - Ukuziphatha kakubi kakhulu kootitshala abaqeshwe liSebe iWCED ngokumalunga nokulawulwa kwezenzo zempatho-gadalala yabantwana, ukungahoywa ngabom kwabantwana nezenzo zokuxhatshazwa ngokwesondo kwabantwana.	26
IsiHlomelo H:	Isikhokelo samaBhunga oLawulo eZikolo ngokumalunga nokulawulwa kwezenzo zempatho- gadalala yabantwana, ukungahoywa ngabom kwabantwana nezenzo zokuxhatshazwa ngokwesondo kwabantwana.	27
IsiHlomelo I:	Isikhokelo seeKomiti zoLawulo lweZikolo (<i>School Management Teams</i>) namaBhunga oLawulo eZikolo malunga nokulawulwa kwentatho-nxaxheba yamajelo eendaba oluntu.	28
IsiHlomelo J:	Isikhokelo soBudlelane eMsebenzini (<i>Employee Relations' Guidelines</i>) nokulawulwa kwezenzo zempatho-gadalala yabantwana, ukungahoywa ngabom kwabantwana nezenzo zokuxhatshazwa ngokwesondo kwabantwana.	29
IsiHlomelo K:	Ifom 29: Uphando lomqeshi lokufumanisa ukuba igama lomntu liyavela na kwisahluko b serejista kazwelonke yokhuseleko lwabantwana.	30

ICandelo 1

1.1 Intshayelelo

Impatho-gadalala yabantwana, ukungahoywa kwabantwana ngabom nezenzo zokuxhatshazwa ngokwesondo kwabantwana ziingxaki ezixhomis' amehlo ezikhoyo njengangoku olujongene nazo uluntu ekuhlaleni nakumaziko emfundo kuMzantsi Afrika ngokubanzi. Ngenxa yokuxhaphaka kakhulu kwezi zenzo, kuye kwenziwa lo mgaqo-nkqubo ukunceda amaziko, abaqeshwa nabafundi beSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) bakwazi ukusingatha le ngxaki ngeyona ndlela inobuchule nempumelelo.

linkqubo zokuxela eziqulethwe kulo mgaqo-nkqubo zingasetyenziswa ngabafundi, ngootitshala, ngabaqeshwa, ngabazali, ngabanonopheli okanye nanguye nawuphi na omnye umntu. Bonke abaqeshwa beSebe iWCED mabaqinisekise ukuba banolwazi olupheleleyo ngokuqulethwe ngulo mgaqo-nkqubo yaye bayaziqonda kakuhle iindima zabo ekulweni izenzo zempatho-gadalala nokuxhatshazwa ngokwesondo kwabantwana.

Ukusingathwa ngempumelelo kwezi ngxaki kunokufikelelwa kuphela ukuba ngaba ezi nkqubo zisekelwe kwisiseko semithetho eluqilima. Ngako oko, ekuqulunqeni lo mgaqo-nkqubo, yonke imithetho echaphazelekayo malunga nabantwana ithathelwe ingqalelo yaye isetyenzisiwe. Le mithetho igxininisa uxanduva olungumsebenzi osemagxeni wootitshala abanokukrokrela okanye abasingethe ukuxelwa kwempatho-gadalala yabantwana nezenzo zokuxhatshazwa ngokwesondo kwabantwana, nomsebenzi oluxanduva olunyanzelekileyo wootitshala wokuba bazixele izenzo ezi lolu hlobo ngendlela emiselweyo.

Olu xwebhu lukwagxininisa umsebenzi wenqununu wokuphumeza, wokusingatha nokugcina umgaqo-nkqubo kunye neenkqubo ezichazwe kolu xwebhu ngohlobo lokuba kugcinwe kuyimihlo nokuba kusoloko kugcinwe ezo zinto zilungiselela umfundi ngeyona ndlela ibhetele ngawo onke amaxesha.

1.2 Injongo nomhlaba oza kufikelelwa

1.2.1 Injongo yalo mgaqo-nkqubo:

- (a) kukuncedisa bonke abafundi abangamaxhoba okanye abenzi bempatho-gadalala yabantwana (*perpetrators of child abuse*) ukungahoywa ngabom kwabo okanye nasiphi na isenzo sokuxhatshazwa ngokwesondo kwabantwana
- (b) kukumisela nayiphi na indlela yokuba ootitshala nabaqeshwa beSebe leMfundo neNtshona Koloni -
 - (i) baqaphele;
 - (ii) bangenelele ngoncedo;
 - (iii) baxele; yaye
 - (iv) banike inkxaso kwiimeko zokuphathwa gadalala kwabantwana, ukungahoywa ngabom kwabo nokuba babanike inkxaso abantwana abangamaxhoba ezenzo zokuxhatshazwa ngokwesondo.

1.2.2 Lo mgaqo-nkqubo usebenza kuzo zonke izikolo zikarhulumente kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni

1.3 Isikhokelo seMithetho esetyenzisiweyo

1.3.1 UMgaqo-siseko weRiphabliki yoMzantsi Afrika, 1996

1.3.2 I-Child Justice Act, 2008 (Act 75 of 2008)

1.3.3 I-Children's Act, 2005 (Act 38 of 2005)

1.3.4 I-Criminal Law (Sexual Offences and Related Matters) Amendment Act, 2007 (Act 32 of 2007)

1.3.5 UMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke, 1996 (uMthetho ka-27 1996) (National (Education Policy Act, 1996 (Act 27 of 1996))

1.3.6 UMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, 1996 (uMthetho 84 ka-1996) (South African Schools Act, 1996 (Act 84 of 1996)

1.3.7 UMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, 1997 (uMthetho 12 ka-1997) (Western Cape Provincial School Education Act, 1997 (Act 12 of 1997)

1.3.8 UMthetho wezeNgqesho yooTitshala, 1998, (uMthetho 76 ka-1998); (Employment of Educators Act, 1998 (Act 76 of 1998)

1.3.9 UMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 (IsiBhengezo 103 sika-1994) (Public Service Act, 1994 (Proclamation 103 of 1994))

1.3.10 I-SAPS National Instructions 3 of 2008 (Part 4)

1.3.11 I-Inclusive Education White Paper 6, 2001

1.3.12 I-Ethical Code for Educators, SACE

1.3.13 I-Public Service Code of Conduct

1.3.14 Policy on HIV/AIDS for Learners and Educators and Students and Educators in Further Education and Training Institutions, kwiGazethi kaRhulumente 20372, ye-10 Agasti 1999

1.3.15 UMgaqo-nkqubo ongoKuhamba iSikolo kwaBafundi (ISetyhula 29 ka-2010)

1.3.16 IMimiselo ePhathelele kuLuleko, ukuNqumamisa nokuGxotha aBafundi kwiZikolo zikaRhulumente eNtshona Koloni, kwiGazethi yeSikhawu yePhondo leNtshona Koloni No. 6939, 15 Disemba 2011, eNtshona Koloni, iSetyhula yeSebe leMfundo 0018 ka-2012 (Regulations relating to disciplining, suspension and expulsion of learners in Public Schools in

- 1.3.17 UMgaqo-nkqubo ongoKulawulwa kokuKhulelwa kwaBafundi kwiZikolo zikaRhulumente kwiSebe leMfundo leNtshona Koloni (*Policy on Management of Learner Pregnancy in Public Schools, Western Cape Education*), iSetyhula 0121 ka-2003

ISiqendu 2

2. Iingcaciso-magama

Kulo mgaqo-nkqubo naliphi na igama okanye ibinzana elinikwe intsingiselo, lihlala linaloo ntsingiselo liyinikiweyo ngaphandle kokuba umxholo ophethweyo walatha okunye, –

“umaphuli-mthetho ongumfundi otyholwayo” kuthetha umfundi omangalelweyo;

“impatho-gadalala yabantwana” kuthetha naluphi na uhlobo lokwenzakaliswa ngabom okanye lokungcungcuthekiswa ngabom okwenziwa emntwaneni, yaye kubandakanya

- ukubetha umntwana okanye ukumenzakalisa ngabom umntwana nangaluphi na olunye uhlobo;
- ukumxhaphaza ngokwesondo umntwana okanye ukuvumela ukuba umntwana axhatshazwe ngokwesondo;
- ukubhulishwa komntwana ngomnye umntwana;
- ukusetyenziswa kwabantwana ngendlela yokubaxhaphaza
- ukubeka umntwana esichengeni sokuba abone okanye abe kwindawo enokumenzakalisa ngokwasengqondweni okanye ngokweemvakalelo;

“ukuxhatshazwa ngokwesondo ngenjongo yezoshishino (commercial sexual exploitation)” ngokunxulumene nomntwana kuthetha

- ukuthengiswa komntwana ukuba enze imisebenzi yezesondo ngenjongo yokufumana imali, okanye omnye umvuzo kubandakanywa nezenzo zokuthengisa ngomzimba (*prostitution*) okanye izenzo zokwenza nokusasaza imifanekiso yamanyala (*pornography*), kungakhathaliseka nokuba kukho mvuzo ofunyanwayo ohlawulwa okanye ekwabelwana ngawo nomthengisi, nomntwana, nomzali okanye nomnonopheli womntwana, okanye naye nabani na omnye umntu; okanye
- ukuxwilwa kushishinwe ngomntwana (*trafficking a child*) ukwenzela ukuba asetyenziswe kwimisebenzi yezesondo kubandakanywa nokuthengisa ngomzimba nokwenza nokusasaza imifanekiso yamanyala (*prostitution or pornography*);

“ukohlwaya ngokubetha” kuthetha “Nasiphi na isenzo sangabom esenziwa emntwaneni esimvisa iintlungu okanye ukuphatheka kakubi emzimbeni esisetyenziselwa ukumohlwaya okanye ukumlawula. Oku kubandakanya kodwa kungaphelelanga koku: ukumbetha (*spanking*), ukumqhwaba (*slapping*), ukumtsweba (*pinching*), ukumphaxula (*paddling*); ukumalela okanye ukumqingqela amathuba okuya ethoyilethi, ukumvimba ukutya, into eselwayo, ubushushu nendawo yokufaka intlolo, ukumtyhala okanye ukumtsala umntwana ngamandla, ukumnyanzela umntwana enze imithambo.”;

“ukungahoywa komntwana ngabom” ukulungiselela iinjongo zolu xwebhu kunxulumene neSiqendu 110 se-*Children’s Act, 2005 (Act 38 of 2005)*;

“unontlalontle oqeshiweyo” kuthetha unontlalontle oqeshwe –

- liSebe loPhuhliso lwezeNtlalo yoLuntu;
- ngumbutho obhalisiweyo wokhuseleko lwabantwana, ofana ne-ACVV (*Afrikaner Christelike Vroue Vereeniging*), neChild Welfare okanye i-Badisa; okanye
- ngumasipala;

“utitshala” kuthetha nawuphi na umntu, kungabandakanywa umntu oqeshwe ngokukodwa ukuba enze imisebenzi eyenziwa emva kweyokufundisa, ofundisa aqeqeshe abanye abantu okanye obonelela ngeenkonzozo zemfundo ezibandakanya unyango lweengcali eziqeqeshiweyo neenkonzozo ii-*educational psychology services*, esikolweni,

“umqeshwa” kuthetha

- utitshala njengoko echaziwe apha ngentla;
- ilungu elingumsebenzi wasehostele;
- ilungu elingumsebenzi ongumabhalane;
- ilungu elingumsebenzi weenkonzozo zokunika inkxaso ukufunda nokufundisa okanye umsebenzi oqeshwe phantsi kwemvumelwano (*contract worker*), kwakunye naye nawuphi na utitshala oqeshwe phantsi koMthetho wezeNgqesho yooTitshala, 1998 (uMthetho 76 ka-1998); okanye
- ilungu elingumsebenzi weenkonzozo zokunika inkxaso ukufunda nokufundisa okanye umsebenzi oqeshwe phantsi kwemvumelwano (*contract worker*), oqeshwe phantsi koMthetho weNkonzo kaRhulumente, 1994 (uMthetho 103 ka-1994) kunye/okanye oqeshwe libhunga lolawulo lesikolo;

“EzoBudlelane eMsebenzini” kuthetha iCandelo lezoBudlelane eMsebenzini leSebe iWCED;

“igosa lezobudlelane emsebenzini” kuthetha iiprakhishina kwiCandelo lezoBudlelane eMsebenzini kwi-Ofisi kaNdlunkulu yeSebe iWCED ezenza umsebenzi wokuphanda ngokuziphatha kakubi komqeshwa nokuqalisa iingxoxo zoluleko ezimalunga nokuziphatha kakubi kotyholwa ngempatho-gadalala oqeshwe liSebe iWCED;

“iziko” kuthetha isikolo sikarhulumente esiqhelekileyo, isikolo semfundo eneemfuno ezizodwa okanye naliphi na iziko eliphantsi kolawulo lweSebe iWCED. “isikolo” kuthetha isikolo sikarhulumente okanye isikolo esizimeleyo esibhalisa abafundi ukususela kwiBakala R (*Reception*) ukuya kwiBakala leshumi elinambini;

“umfundi” kuthetha nawuphi na umntu ofumana imfundo okanye ekunyanzelekileyo ukuba afumane imfundo ngokoMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika;

“ixhoba elingumfundi” kuthetha umntu otyhola omnye ngempatho-gadalala yomntwana kunye/okanye ukuxhatshazwa ngokwesondo komntwana ngomnye umntu okanye ngomnye umntwana;

“ukungahoywa” ngokubhekiselele kubantwana, kuthetha ukungaphumeleli komzali kumsebenzi wakhe wokuba ngumzali wokunika umntwana iimfuno eziphambili ngokwasemzimbeni, ngokwasengqondweni, ngokweemvakalelo okanye ngokwasentlalweni;

“umzali” kuthetha –

- (a) umzali okanye umgcini womfundi;
- (b) umntu onelungelo ngokomthetho lokugcina umfundi, okanye
- (c) umntu ovumayo ukuphumeza iimfanelo zomntu ezichazwe kwimihlathi (a) no (b) ngemfundo yomfundi osesikolweni;

“inqununu” kuthetha utitshala oqeshwe okanye obambele njengentloko yesikolo;

“SAPS” kuthetha i-South African Police Services;

“ibhunga lolawulo lesikolo” kuthetha iqumrhu elisemthethweni elithweswe umsebenzi wokuphatha isikolo sikarhulumente yaye linokwenza kuphela loo misebenzi nezo mbopheleleko zilolu hlobo yaye lisebenzise loo malungelo amiselwe nguMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika;

“ikomiti yolawulo yesikolo” kuthetha ikomiti yolawulo yesikolo eyenziwa yiNqununu, uSekela-nqununu neeNtloko zeZifundo ezindima zazo zicaciswa njengezokuncedisa nowokunika inkxaso iNqununu ekulawuleni isikolo;

“unontlalontle wesikolo” kuthetha unontlalontle oqeshwe liSebe iWCED nobhalisiweyo phantsi kwe-Section 17 of the Social Service Professions, 1978 (Act 110 of 1978);

“ukuxhaphaza ngokwesondo” [njengoko kuchaziwe kwi-Children’s Act, 2005 (Act 38 of 2005)], ngokunxulumene nomntwana kuthetha –

- (a) ukuhlukunyezwa ngokwesondo (*sexually molesting*) okanye ukwenzakalisa umntwana ngokwesondo okanye ukuvumela umntwana ukuba axhatshazwe okanye enzakaliswe ngokwesondo;
- (b) ukukhuthaza, ukubangela okanye ukunyanzela umntwana ukuba asetyenziswe njengento eyanelisa omnye umntu ngokwesondo (*sexual gratification of another*);
- (c) ukusebenzisa umntwana okanye ukwenza ngabom ukuba abone izenzo zezesondo okanye imifanekiso yamanyala (*sexual activities or pornography*); okanye
- (d) ukuthengisa okanye ukuvumela umntwana athengiselwe iinjongo zokuxhatshazwa ngokwesondo (*commercial sexual exploitation*) okanye nangayiphi na enye indlela yokuthatha inxaxheba okanye yokuncedisa ekuxhatshazweni komntwana ngokuthengiselwa iinjongo zezesondo.

“izenzo zolwaphulo-mthetho ngokuxhaphaza ngokwesondo” kuthetha izenzo zolwaphulo-mthetho ngokubanzi nolwaphulo-mthetho oluthile olwenziwa kubantwana nakubantu abakhubazekileyo (makujongwe isiHlomelo D ukufumana inkcazo ebanzi yezi zenzo zolwaphulo-mthetho).

ISiqendu 3

3. AMANYATHELO OKUSINGATHA IINKQUBO ZOKUXELA IZENZO ZEMPATHO-GADALALA

Ukungiselela iimfuno zomntwana ngeyona ndlela ibhetele (olixhoba okanye ongumoni) kuya kuba yeyona nto yongameleyo neya kuthi ilawule ukuba le nkqubo iqhutywa njani na xa kusenziwa ingxelo ngesenzo sempatho-gadalala yabantwana, ukungahoywa ngabom kwabantwana nokuxhatshazwa kwabo ngokwesondo. Imithetho yaseMzantsi Afrika igxininisa uxanduva lokuxela yaye ukungaphumeleli ukwenjenjalo sisenzo solwaphulo-mthetho.

3.1 Ukuxela okunyanzelekileyo (*Compulsory Reporting*)

3.1 (a) ISiqendu 54 se-*Criminal Law (Sexual Offences and Related Matters) Amendment Act, 2007 (Act 32 of 2007)*

- (i) Ngokwesi siqendu wonke umntu unoxanduva lokuxela;
“Ulwazi lokuba isenzo solwaphulo-mthetho sokuxhaphaza ngokwesondo senziwe emntwaneni” okanye
“Ulwazi, ukukholelwa okuxhaswa zizizathu ezithile okanye ukukrokrela ukuba isenzo solwaphulo-mthetho sokuxhaphaza ngokwesondo senziwe kumntu okhubazeke ngokwasengqondweni”;
- (ii) Oku kuxela makwenziwe ngoko nangoko; yaye
- (iii) Makuxelwe kwipolisa.
- (iv) Ukungakuxeli oku phantsi kwesi siqendu, sisenzo solwaphulo-mthetho (iSiqendu 54 1(b) no-2(b)).
- (v) Isohlwayo sokungaxeli siya kuba kukuhlawula imali (*fine*) okanye ukuvalelwa entolongweni (*imprisonment*) iminyaka emi-5 okanye zombini, ukuhlawula imali (*fine*) nokuvalelwa entolongweni.
- (vi) Apho kuthi kuxelwe ‘isenzo ngokunyanisekileyo nangentembeke’ ngokunxulumene neSiqendu 2(b), (“ukukholelwa okususela kwizizathu ezivakalayo okanye ekukrokreleni ukuba senzekile isenzo sokuxhatshazwa ngokwesondo komntu okhubazeke ngokwasengqondweni”), loo mntu akayi kubekwa tyala amangalelwe kwityala lembambano (*civil*) okanye amangalelwe kwityala lesizi (*criminal*) ngenxa yengxelo elolu hlobo.
- (vii) U-Part 4 we-*SAPS National Instruction 3/2008* ucacisa ukuba ngubani na onokuxela isenzo sokuxhatshazwa ngokwesondo yaye ugxininisa ukuxelwa okunyanzelekileyo phantsi kweSiqendu 54 soMthetho 32 ka-2007.
- (viii) Kubalulekile ukuqaphela ukuba ngokwale *National Instruction*, ipolisa le-*SAPS* alinakugxotha nabani na oxela ukuba isenzo sokuxhatshazwa ngokwesondo senziwe emntwaneni okanye kumntu okhubazeke ngokwasengqondweni.

(b) ISiqendu 110 (1) se-*Children’s Act, 2005 (Act 38 of 2005)* (njengoko ufakelwe izilungiso)

- (i) Ngokwesi siqendu abantu abathile abanemfundo yoqeqesho umz. “utitshala”, unoxanduva lokuxela (Makujongwe isiHlomelo F ukufumana uluhlu olupheleleyo);
- (ii) Makubekho izizathu ezivakalayo zokuba kufikelelwe kwisigqibo sokuba umntwana uphethwe gadalala ngohlobo olubangela ukwenzakala kwakhe emzimbeni, ukuxhatshazwa kwakhe ngokwesondo okanye ukungahoywa ngabom;
- (iii) Isigqibo masixelwe kwifom emiselweyo (uFom 22); yaye
- (iv) Masixelwe kwiSebe loPhuhliso lwezeNtlobo yoLuntu lePhondo okanye kwiPolisa
- (v) Ukungakuxeli oku phantsi kwesi siqendu, sisenzo solwaphulo-mthetho. ISiqendu 305 (1) (c) sicacisa ukuba loo mntu unetyala lolwaphulo-mthetho ukuba loo mntu akaphumeleli ukuthobela iSiqendu 110(1).


(c) ISiqendu 110 (2) se-Children's Act, 2005 (Act 38 of 2005) (njengoko ufakelwe izilungiso)

- (i) Ngokwesi siqendwana "Nabani na" othi ngenxa yezizathu ezivakalayo akholelwe ukuba umntwana ufuna unonophelo nokhuseleko"; unokukuxela ukukholelwa kwakhe okunganyenzelekanga; ngokoluvo lwakhe); kwiSebe loPhuhliso lwezeNtlalo yoLuntu lePhondo, kumbutho wokhuseleko lwabantwana okanye kwipolisa".
- (ii) Akukho sohlwayo kwesi siqendu ngenxa yokuba akunyanzelekanga ukuba sixelwe isenzo.
- (iii) Impatho-gadalala ngokwe-*Children's Act* ikhokelela ekubeni ubani enze isigqibo sokuba makuxelwe kubani na ukuphathwa gadalala kwabantwana umzekelo kwi-SAPS okanye kunontlalontle oqeshiweyo (*designated social worker*), kodwa oko akunxulumene nokuxelwa kanye kwesenzo solwaphulo-mthetho.
- (iv) Kwimeko yokuxhatshazwa ngokwesondo komntwana, i-SAPS (*FCS Unit*) mayidlale indima yayo.

3.2 Ukuxela

- 3.2
- (a) Ngalo lonke ixesha lungiselela iimfuno zomntwana ngeyona ndlela ibhetele.
 - (b) Ukuxela kuyinkqubo yaye ke ngoko makwenziwe ngenyameko, kuphathwe njengomcimbi o-ethe-ethe yaye kube yimfihlo.
 - (c) Ngexesha lokuxela, cacisa ukuba yimfihlo kwako yaye chazela iziphumo zokuxela ixhoba elingumfundi, o.k.t. ukwenzela ukuba umncede, unyanzelekile ngokomthetho ukuba ukuxele oku kwabanye abathathi-nxaxheba abafana nonontlalontle kunye/okanye ne-SAPS.
 - (d) Qinisekisa ngokhuseleko lomntwana.
 - (e) Amanyathelo nongenelelo ngoncedo makabe ngakhawulezileyo (kuqukwa nokuxelwa kwalo mba kwi-SAPS kunye/okanye kunontlalontle oqeshelwe lo msebenzi.
 - (f) Ulawulo ngempumelelo lwale nkqubo luya kuqinisekisa ukuba umfundi olixhoba, umaphuli-mthetho ongumfundi otyholwayo nomqeshwa bakhuselekile kumothuko omkhulu ongaphezulu nongeyomfuneko nasekubeni babe ngamakhoba ale meko, njengoko imeko inganjalo.
 - (g) Ngethuba lenkqubo yokuxela, umfundi olixhoba makangaze naphantsi kwazo naziphi na iimeko abuzwe imibuzo yokungqinisisa ubunyani besityholo, ngenxa yokuba indima katitshala /yenqununu kukwamkela nje kuphela ingxelo nokuwugqithisela lo mbandela kwiSAPS okanye kunontlalontle onyuliweyo, njengoko imeko inganjalo.
 - (h) Kwanele ukwazi ukuba senzekile isenzo sempatho-gadalala, loluphi uhlobo lwempatho-gadalala nokuba ngubani na umenzi wobubi okrokrelwayo (suspected perpetrator), ukwenzela ukuba kuthathwe isigqibo sokuba kulandelwe eyiphi na inkqubo neya kuthi iyilawule ngokufanelekileyo inkqubo yokuxela.
 - (i) Ukuba kuxelwe kutitshala aze utitshala axele kwinqununu, ngako oko ke inqununu mayingambuzi umfundi kwakhona koko mayithi kwangoko incedise ngokuba kufakwe abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo.
 - (j) Ulawulo lwenkqubo yokuxela malube lolukhawuleza kakhulu yaye makungabikho kulibaziseka ekufakeni abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo umz. i-SAPS yaye makuqhagamshelwane ne-DSD kwangolo suku lokuxela.

**Umzobo 1: INKQUBO YOKUXELA -
Ukuxela komfundi komnye umfundi**



3.3 Ukuxela komfundi komnye umfundi


- (a) Ukuxela kunokwenziwa ngumfundi olixhoba nokuba kukomnye umntwana (umfundi) [oya kuthi yena emva koko axelele utitshala] okanye umfundi olixhoba unokuxelela ngqo utitshala.
- (b) Umfundi olixhoba makangagocwagocwa ngemibuzo. Kuphela fumana ingcaciso efanelekileyo ngeenjongo zokunika ingxelo.
- (c) Cacisa ngenkqubo eya kulandela neendima ezahlukeneyo nezinto eziluxanduva lomthathi-nxaxheba ngamnye nezizathu zokuba kufuneka bekho kule nkqubo.
- (d) Kwakubanje kuxeliwe, yazisa ngoko nangoko aba bathathi-nxaxheba balandelayo:
 - (i) I-SAPS ([FCS] Family Violence Child Protection and Sexual Offences Unit) kwikheyisi yesenzo sokuxhaphaza ngokwesondo (*sexual offence*);
 - (ii) unontlalontle oqeshiweyo kwisenzo sempatho-gadalala engekoxhatshazwa ngokwesondo;
 - (iii) unontlalontle osengingqini yakho; kunye
 - (iv) nabazali bobabini, owomfundi olixhoba kwakunye nowomfundi otyholwa ngesenzo sokuxhaphaza ngokwesondo.
- (e) Umntwana (umfundi) oxhaphaza omnye umfundi ngokwasemzimbeni makaxelwe ngendlela emiselweyo kunontlalontle oqeshelwe loo msebenzi okanye emapoliseni xa ukuxhatshazwa ngokwasemzimbeni kulolu hlobo:
 - (i) kusetyenziswe isixhobo esiyingozi komnye umfundi okanye kutitshala/kumsebenzi;
 - (ii) kwenziwe isenzo sokubetha;
 - (iii) ukoyikisa okanye ukubeka engozini ukhuseleko lwabafundi afunda nabo okanye lootitshala; yaye
 - (iv) nokusoloko efaneka enetyala lokwenzakalisa ngokwasemzimbeni abanye abafundi.
- (f) Ukuba ulwaphulo-mthetho belunyasha imigaqo ye-School's Learner Code of Conduct, the Regulations Relating to Disciplining, Suspension and Expulsion of Learners at Public Schools in the Western Cape (Provincial Gazette 6939, dated 11 December 2011) okanye nawuphi na omnye umthetho, makulandelwe amanyathelo ezoluleko, njengoko kuchaziweyo kule Mimiselo ilapha ngasentla.
- (g) I-Learner Code of Conduct mayimisele umqathango ngesenzo solwaphulo-mthetho.
- (h) Unontlalontle wesikolo makancedise ekusingatheni nasekukhokeleni inkqubo ukuqinisekisa ukuba bobabini abafundi bafumana inkxaso ngeli thuba.
 - (i) Abatyholwa ngezenzo zolwaphulo-mthetho abaselula ngeminyaka mabanikwe inkxaso.
 - (j) Inkxaso elolu hlobo mayibonwe njengelingelokuthintela lowo utyholwa ngokwenza isenzo solwaphulo-mthetho ekubeni angenzi ezinye izenzo zokuxhaphaza ezingaphezulu.
- (k) Umfundi otyholwa ngokuxhaphaza ngokwesondo makagqithiselwe kubathathi-nxaxheba abachaphazelekayo ukunika inkxaso ngokwasemoyeni nakwezonyango (*therapy*).
- (l) Kubalulekile ukuqinisekisa ukuba unontlalontle okanye i-SAPS bathatha inxaxheba ngoko nangoko, ngokuxhomekeka kwindlela ekuxhomis' amehlo ngayo ukuxhaphaza.
- (m) Umfundi olixhoba makagqithiselwe kwiingcali zokunika ingcebiso kunye/okanye ukunika inkxaso ngokwasengqondweni nangokwasentlalweni yoluntu (*counselling and/or psycho-social support*) ngunontlalontle wesikolo apho oko kunako ukwenzeka.

3.4 Isikhokelo esimalunga nokuthatha amanyathelo oluleko ngomfundi otyholwa ngolwaphulo-mthetho

- (a) I-Learner Code of Conduct mayimisele umqathango ngesenzo solwaphulo-mthetho (ngezenzo zolwaphulo-mthetho).
- (b) Inkqubo yezoluleko, engqinelaniswe neMimiselo eMalunga noLuleko, ukuNqunyanyiswa kunye nokuGxothwa kwaBafundi eZikolweni zikaRhulumente eNtshona Koloni (Gazethi yePhondo 6939, yomhla we-11 Disemba 2011 (*Regulations Relating to Disciplining, Suspension and Expulsion of Learners at Public Schools*) (Provincial Gazette 6939, dated 11 December 2011), ingaqhubeka kuphela ukuba kukho ukwaphulwa kwe-Learner Code of Conduct yesikolo okanye komnye umthetho.
- (c) Kwimeko apho umfundi olixhoba nomfundi otyholwa ngolwaphulo-mthetho bakwisikolo esinye, lowo utyholwa ngolwaphulo-mthetho unokunqunyanyiswa iintsuku ezisi-7, elindele iingxoxo zokuthethwa kwetyala.
- (d) Iingxoxo zokuthethwa kwetyala maziqhubeke ngokwenkqubo emiselweyo, kwiMimiselo njengoko ikhankanywe kumhlathana 3.4(b).
- (e) Kufuneka kuhlontshwe ilungelo lomfundi ngamnye lokuthethwa kwetyala ngendlela engenamkhethe nangokufanelekileyo.
- (f) Le migqaliselo kufuneka kwakhona isetyenziswe kwindlela iingxoxo eziqhutywa ngayo.
- (g) Ekuthatheni esona sigqibo sifanelekileyo nelona nyathelo lifanelekileyo, makuthathelwe ingqalelo:
 - (i) Iminyaka yobudala nesigaba sokukhula komfundi;
 - (ii) Irekhodi yokuziphatha yomfundi nokuzimisela kwakhe ukutshintsha;
 - (iii) Ukuzisola komfundi nokuzimisela kwakhe ukulungisa isenzo solwaphulo-mthetho; kunye
 - (iv) Neengcebiso ezivela kubaboneleli-nkonzo abaqeqeshelwe umsebenzi abanika inkxaso umfundi otyholwa ngempatho-gadalala.

- (h) Bobabini, umfundi olixhoba nomfundi otyholwa ngesenzo solwaphulo-mthetho, banelungelo lokumelwa ligqwetha ukuba bakhethe ukumelwa ngolo hlobo.
- (i) Khumbula maxa onke ukubeka phambili ezona zinto zilungiselela iimfuno zomntwana bhetele.

**UMZOBO 2: INKQUBO YOKUXELA -
Ukuxelwa komqeshwa weSebe iWCED ngumfundi**




3.5 Isikhokelo malunga nokusingathwa kwamanyathelo oluleko ngomqeshwa oqatshelwe njengomenzi wolwaphulo-mthetho.

- (a) Ukuxela kunokwenziwa ngumfundi olixhoba nokuba kukomnye umntwana (komnye umfundi) [oya kuthi emva koko axele kutitshala] okanye umfundi olixhoba unokuxela ngqo kutitshala.
- (b) Umfundi olixhoba makangagocwagocwa ngemibuzo. Kuphela fumana ingcaciso efanelekileyo ngeenjongo zokunika ingxelo.
- (c) Chaza inkqubo eya kulandela neendima kunye nemisebenzi eluxanduva yomthathi-nxaxheba ngamnye nokuba kungani na ukuba zifuneka kule nkqubo.
- (d) Kwakubanje kuxeliwe, yazisa aba bathathi-nxaxheba balandelayo ngoko nangoko:
 - (i) Unontlalontle wesikolo (wokuncedisa ekusingatheni inkqubo);
 - (ii) I-SAPS (FCS [Family Violence, Child Protection and Sexual Offences Unit]) xa kusisenzo sokuxhaphaza ngokwesondo;
 - (iii) Unontlalontle omiselweyo okanye i-SAPS kwimeko yempatho-gadalala engekuko ukuxhaphaza ngokwesondo;
 - (iv) ICandelo lezoBudlelane eMsebenzini (*Employee Relations*) okanye iBhunga loLawulo leSikolo (SGB), apho umqeshwa otyholwa ngolwaphulo-mthetho ebeqeshwe ngabo; kunye
 - (v) nabazali bomfundi olixhoba.
- (e) Ukuba ukuxela oko kubonise ukuba iNqununu yiyo umqeshwa otyholwa ngolwaphulo-mthetho, loo titshala kuxelwe kuye makazise uNontlalontle weSikolo okanye uMphathi weSekethe ochaphazelekayo aze athumele onke amaxwebhu amalunga nengxelo, ukwenzela ukuba bakwazi ukuncedisa ekusingatheni inkqubo.
- (f) INqununu okanye utitshala, ekwaxelwe kuye, akanako ukuxela okanye ukungqala loo mqeshwa otyholwa ngolwaphulo-mthetho ngesimangalo eso phambi kokuba kuqhagamshelwane neGosa leCandelo lezoBudlelane eMsebenzini (Labour Relations Officer).
- (g) UNontlalontle weSikolo kufuneka kwakhona axelwe ukunceda ekubeni iCandelo lezoBudlelane eMsebenzini lithathe inxaxheba nokuncedisa ngakumbi ekukhokeleni nasekusingatheni inkqubo yokuxela impatho-gadalala.
- (h) Ungabambi intlanganiso nomfundi olixhoba kunye nomqeshwa otyholwa ngolwaphulo-mthetho.
- (i) INqununu mayazise abanye ootitshala nabaqeshwa ukuba kukho ingxelo ethile, ngaphandle kokuxela ukuba ngubani na umfundi olixhoba okanye umqeshwa otyholwa ngolwaphulo-mthetho neenkukacha ezithile ezimalunga nokuxela. Ukuba yinqununu etyholwa ngolwaphulo-mthetho, makuthi ke ngoko ibe lisekela-nqununu elidlala le ndima.
- (j) Ukuba umqeshwa otyholwa ngolwaphulo-mthetho ngumqeshwa oqeshwe ngemvumelwano yi-SGB, lo mqeshi ukhankanyiweyo makathathe amanyathelo ngokwemimiselo yemvumelwano yenkonzo. (Jonga isiHlomelo H)
- (k) Apho umqeshwa otyholwa ngolwaphulo-mthetho eqeshwe yi-SGB, yi-SGB eya kusingatha iingxoxo zetyala .
- (l) Ukohlwaya ngokubetha kufuneka kwakhona kubonwe njengempatho-gadalala eyenzeka emzimbeni nakwiimvakalelo yaye ke ngoko makusingathwe ngokungqinelana nalo mgaqo-nkqubo.
- (m) Bobabini, umqeshwa otyholwa ngolwaphulo-mthetho nomfundi olixhoba banelungelo lokumelwa ligqwetha.
- (n) Sebenzisa umlamli (*intermediary*) ukuncedisa umfundi olixhoba ekunikeni ubungqina kwiingxoxo zetyala ze-SGB.
- (o) Qiniseka ngamalungiselelo okuhlala ngokwahlukeneyo ukuthintela ukudibana komfundi olixhoba nomqeshwa otyholwa ngolwaphulo-mthetho.
- (p) Yiba nolwazi ngeminyaka yobudala yexhoba elingumfundi ngokumalunga noku: ukubuza imibuzo, ukukwazi ukumiliselela ingqondo, imfuno yexesha lokuthatha ikhefu qho, ulwimi, imeko yeemvakalelo nexesha lokuqhubeka kodliwano-ndlebe okanye iingxoxo zetyala.

3.6 Ukohlwaya ngokubetha

- (a) Ukohlwaya ngokubetha akuvumelekanga kuso nasiphi na iSikolo saseMzantsi Afrika kwaye ngaloo ndlela kuthintelwe ngokucace gca.
- (b) UMthetho woMgaqo-nkqubo weMfundo kaZwelonke (*The National Education Policy Act, 1996 (Act 27 of 1996)*) uchaza ukuba: “Akukho mntu uya kusebenzisa ukohlwaya ngokubetha okanye uya kuphatha gadalala umfundi ngokwasengqondweni okanye ngokwasemzimbeni kulo naliphi na iziko lemfundo”.
- (c) UMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika (*The South African Schools Act, 1996 (Act 84 of 1996)*) ucacisa kwiSiquendu 10 uthi:
 - “(1) Akukho mntu uvumelekileyo ukusebenzisa ukohlwaya ngokubetha emzimbeni umfundi esikolweni;
 - (2) Nabani na owaphula isiqendwana (1) unetyala lolwaphulo-mthetho, kwaye umelwe kukujongana nesohlwayo sokumgweba ngenxa yesenzo sokubetha”.

**UMZOBO 3: INKQUBO YOKUXELA -
 Ukuxelwa kwesenzo solwaphulo-mthetho soMzali, soMntu woSapho
 okanye soMntu onguMhlali ngumfundi**



3.7 INkqubo yokuXela: Ukwenza ulwaphulo-mthetho komzali, kwelungu losapho, okanye komhlali kumfundi

- (a) Ukuxela kunokwenziwa ngumfundi olixhoba nokuba kukomnye umntwana (komnye umfundi) [oya kuthi emva koko axelele utitshala] okanye umfundi olixhoba unokuxela ngqo kutitshala.
- (b) Umfundi olixhoba makangagocwagocwa ngemibuzo. Kuphela fumana ingcaciso efanelekileyo ngeenjongo zokunika ingxelo.
- (c) Chaza inkqubo eya kulandela nemisebenzi eluxanduva eyahlukeneyo yomthathi-nxaxheba ngamnye nokuba kutheni ezi zinto ziyifanele le nkqubo.
- (d) Ukuba ukuxela kuchaza umzali njengomaphulo-mthetho otyholwayo kucetyiswa ukuba makungaqhagamshelwana nomnye umzali phambi kokuba unontlalontle okanye iSAPS ithathe inxaxheba, ukuthintela ukoyikiswa komfundi olixhoba.
- (e) Kwakubanje kuxeliwe, yazisa aba bathathi-nxaxheba balandelayo ngoko nangoko:
 - (i) I-SAPS (FCS Unit]) xa kuyimeko yokuxhaphaza ngokwesondo;
 - (ii) Unontlalontle omiselweyo xa kuyimeko yempatho-gadalala engekuko ukuxhaphaza ngokwesondo;
 - (iii) unontlalontle wesikolo osengingqini yakho.
- (f) Kunokucetyiswa ukuba umfundi olixhoba afumane iSithintelo seNkundla sokuMkhusela (*Protection Order*) kwakhona, phantsi kweemeko ezithile.
- (g) Oku makunikwe ingqwalaselo ngunontlalontle omiselweyo ukwenzela ukuba umfundi olixhoba abe nokuncediswa ngeli thuba lale nkqubo.
- (h) Isikolo masincedise ekuqinisekiseni ukhuseleko lomfundi olixhoba ngokuqhagamshelana nonontlalontle omiselweyo okanye nenye i-arhente yokhuseleko lwabantwana ukwenzela ukuba umfundi olixhoba athunyelwe kwiziko elikhuselekileyo okanye kumntu wosapho ukuba kuthathwa njengokungakhuselekanga kumfundi olixhoba ukubuyela ekhaya.
- (i) ISikolo (inqununu nootitshala) masinike okokoko umfundi olixhoba inkxaso ngokwasemoyeni (*emotional support*), sibeke esweni ukusebenza kwakhe ngokwasentlalweni ngokweemvakalelo nakwizifundo.
- (j) Makunikwe ingxelo qho kunontlalontle omiselweyo.
- (k) Makwenziwe amalungiselelo okumnika inkxaso eyongezelelweyo ezifundweni ukuba oko kuyimfuneko.


3.8 Abathathi-nxaxheba ekungaqhagamshelwana nabo kuxhomekeke kuhlobo lolwaphulo-mthetho okanye kwiimeko ezithile

- (a) Unontlalontle wesikolo okwi-Ofisi yeSithili seMfundo uya kunceda inqununu nomqeshwa ekuthatheni isigqibo ngothatho-nxaxheba kwezinye ii-arhente ezichaphazelekayo, umz.:
 - (i) ISebe loPhuhliso lwezeNtlalo yoLuntu (*Department of Social Development*)
 - (ii) ABaboneleli-nkonzo bezeNtlalontle ekuhlaleni (*Social Welfare Service Providers in the community*)
 - (iii) Iqumrhu elijongene nokhuseleko lwabantwana elityunjweyo
 - (iv) Isayikholojisti yesikolo
 - (v) I-SAPS kwindawo apho ingxelo/ ukuxela kwakwenziwe khona, umz. Kwindawo esiphantsi kolawulo lwayo isikolo. I-SAPS iya kuthi emva koko iqhagamshelane ne-FCS Unit kwisenzo sokuxhatshazwa ngokwesondo
 - (vi) KwiCandelo lezoBudlelane eMsebenzini (*Employee Relations*), xa ingabaqeshwa abatyholwa ngolwaphulo-mthetho
 - (vii) I-SGB apho abaqeshwa abatyholwa ngolwaphulo-mthetho baqeshwe leli bhunga
 - (viii) Umzali (abazali) womfundi olixhoba ukuba ngaba akanguye otyholwa ngolwaphulo-mthetho
 - (ix) Umongikazi wesikolo weSebe lezeMpilo (ukuba ukho), okanye (ukuba kufanelekile) uGqirha okwiziko lononophelo lwempilo
 - (x) Umongikazi wesikolo waBafundi beMfundo eneeMfuno eziZodwa (*Education for Learners with Special Education Needs*) (ELSEN))
 - (xi) I-Thuthuzela Care Centre ekufutshane kakhulu kwisikolo eso

ISiqendu 4

4. IMISEBENZI ELUXANDUVA LWABATHATHI-NXAXHEBA ABACHAPHAZELEKAYO

- a) Ukusingatha kakuhle impatho-gadalala kubantwana kufuna inkqubo ebandakanya iqela lamacandelo (*multi-disciplinary approach*) ukwenzela ukubonelela ngeemfuno zommangali (umfundi olixhoba) ngokupheleleyo.
- (b) Ukusingathwa ngendlela eyiyo kwempatho-gadalala ngoko ke kuxhomekeke kwintsebenziswano, nobambiswano phakathi kwabathathi-nxaxheba nababoneleli-nkonzo abahlukeneyo ngethuba lenkqubo yongenelelo ngoncedo, kwaye iziko ngalinye lifanele ukuvelisa indlela yokuqhagamshelana ngempumelelo nabo bonke.



4.1 Inkonzo yamaPolisa aseMzantsi Afrika (*South African Police Service*)

- (a) Yamkela uze uphande malunga nesimangalo.
- (b) Fumana iintetho ezifungelweyo kummangali (kumfundi olixhoba), kubazali bakhe nakwamanye amangqina achaphazelekayo.
- (c) Bamba uvalele abatyholwa ngolwaphulo-mthetho.
- (d) Yisa umfundi olixhoba kunyango lukagqirha apho kunako ukwenzeka.
- (e) Yisa umtyholwa enkundleni yamatyala zingadlunga iiyure eziyi-48 emva kokubanjwa okanye zingadlulanga iiyure eziyi-24 emva kokuba ebanjiwe kwimeko yomfundi oselula ngeminyaka.

4.2 IiNkonzo zoNyango

- (a) Qhuba uxilongo olunzulu lokucupha (*forensic medical examination*) kwisenzo sokuxhaphaza ngokwesondo.
- (b) Qhuba uxilongo olufanelekileyo olunjengolweHIV nelokukhulelwa.
- (c) Qokelela ubungqina bokuphanda nzulu bokucupha obuya kusetyenziswa xa kuxoxwa ityala enkundleni yamatyala.
- (d) Bonelela ngamayeza ukukhusela impilo yomfundi olixhoba.
- (e) Rekhoda konke okufunyanisiweyo kuxwebhu lwezonyango nezomthetho (*medico-legal document*) (J88) olukhatshwa yi-afidavithi – 212 (4).

4.3 ISebe lezoBulungisa noPhuhliso loMgaqo-siseko (*Department of Justice and Constitutional Development*)

- (a) Ngokudlula kwiMikomishinala yeeNkundla zaBantwana khusela abantwana ukuba bangaphinde bafumane impatho-gadalala oko kusenziwa ngomyalelo weNkundla yaBantwana.
- (b) Khusela umntwana kwimpatho-gadalala ngokusebenzisa iMiyalelo yokuMkhusela (ii-intadikthi).
- (c) Bonelela ngeenkundla ezichaphazelekayo ukuzisa umaphuli-mthetho kwiingxoxo zetyala.
- (d) Bizela amangqina aze kuvela enkundleni.
